

Vuk'uzenzele

Produced by: Government Communication & Information System (GCIS)

English/isiXhosa

EyoMsintsi 2022 Ushicilelo 2

Cate's paints to make a mark

Sihle Manda

After refusing to allow limited resources to stop her from reaching her dream, paint manufacturer Cate Olifant is on course to make her mark in this demanding industry.

Olifant's journey began in 2016 when she left the construction sector to follow her dream of becoming her own boss.

Although she wanted to create her own paint range, after doing market research, she realised just how much money it would take. She approached a State-owned development finance institution, the Industrial Development Corporation (IDC), for funding, only to be told that her application would only be considered if she was already manufacturing her own paints.

She heeded the advice and Akani Paints was born.

Speaking to Vuk'uzenzele, she says: "I decided to take the risk. I don't have a background in chemical engineering; I've never worked in a chemistry plant nor have I worked on paint [manufactu-

SEVERAL GOVERNMENT entities have helped a Tzaneen entrepreneur grow her paint manufacturing business – and now she hopes to take on the big players.



Cate Olifant is ready to be a big player in the paint manufacturing industry and create jobs for her community.

Picture supplied by the dtic

ring] before."

She says after her funding request was turned down, she did relevant short courses and visited several paint manufacturers to learn from them.

Around that time, Olifant relocated from Gauteng to Limpopo, where she set up shop in an abandoned and dilapidated building in the Nkowankowa industrial area.

"When I got the factory in July 2016, I thought, 'Okay, I have the building, but it is dilapidated.'

Fortunately, she had savings, and although she had to start on a smaller scale than she had initially planned, she was able to renovate the factory.

"I had to get a second-hand machine, which cost me about R60 000, only to find out it wasn't going to work [because] I still needed other things."

Over the next few years, Olifant found work and saved what she could to invest in her business.

"In 2019, I started produc-

Cont. on page 2



Matlou keeps an eye on her community's vision

Page 4



Skills development for rural women

Page 6



To read *Vuk'uzenzele* download the GOVAPP on:



Search for SA Government on Google playstore or appstore

CONTACT US


Website: www.gcis.gov.za
www.vukuzenzele.gov.za

Vuk'uzenzele @VukuzenzeleNews

Email: vukuzenzele@gcis.gov.za
Tel: (+27) 12 473 0103

Tshedimosetso House:
1035 cnr Frances Baard and Festival streets, Hatfield, Pretoria, 00083

FREE COPY NOT FOR SALE



Indlela entsha yokulwa urhwaphilizo ifumana iziphumo

Umlo wokulwa urhwaphilizo ufuno zombini intando eqinileyo yezopolitiko kanye namaziko azimeleyo anako ukulwa ulwaphulo-mthetho.

KwiNtetho yoBume beSizwe yam yokuqala, ngowama-2018, ndenza isibophelelo sokuguqula imeko ngokuchasene norhwaphilizo kumaziko ethu oluntu kanye nokulwa ubuqhophololo kanye nentsebenziswano kwicandelo labucala ngendlela eqatha nenenjongo efanayo.

Ukusukela ngoko, besebenza nzima ukomeleza kanye nokuxhasa ukuthotyelwa komthetho kanye nee-arthente ezinxulume-neyo. Siye saseka Ulawulo lweGunya loTshutshiso lweSizwe ukuze lujongane norhwaphilizo olunobuzaza kanye neNkundla yamaTyala eKhethekileyo ukuze iCandelo loPhando eliKhethekileyo (i-SIU) likwazi ukubuyisa kakhona iimali eziwibeyo. Sikwanikezele ngenkxaso kanye nezibonelelo kwamanye amaqumrhu abalulekileyo okulwa ulwaphulo-mthetho afana neCandelo lokuThinjwa kweMpahla, iCandelo loLwaphulo-mthetho eliKhethekileyo lwezo-Rhwebo kanye neCandelo loPhando loLwaphulo-mthetho eliPhakamileyo, elaziwa ngokuba ngoo-Khetsho.

Ezi nzame zivelisa iziphumo.

Ngentsebenziswano namaqumrhu aphambili

kwinkqubo yobulungisa kulwaphulo-mthetho, iCandelo loPhando libhalise ngaphezulu kwamatyala orhwaphilizo angama-20 kunyaka-mali odlulileyo kwaye abatyholwa abangama-65 baye bamangalelw. Ezi zinto ziquka 'ukubanjwa kombuso ngobhongwane' kanye namanye amatyalu orhwaphilizo anobuzaza.

Kulo nyaka-mali uphelileyo, iCandelo lo-kuThinjwa kweMpahla lifumene imiyalelo yokuthintelwa ekusetyenzisweni kwempahla exabisa iibhiliyon zeerandi eziyi-5.4 ezinxulumene namatyala olwaphulo-mthetho, aphi izigidi zeerandi ezingama-70 zihlawulwe kwiNgxowamali yokuBuyisa iMpahla yoLwaphulo-mthetho.

Kule minyaka isibhozo idlulileyo, i-SIU iye yafumanu inkxaso-mali kanye neempahla ezipahisa ibhiliyon zeerandi eziyi-2.6 yaza yabekela bucala iikhontrakthi ezipahisa ibhiliyon zeerandi ezili-18.

Amatyala ali-119 ewonke axabisa ngaphezulu

kweebhiliyon zeerandi ezili-13 abhaliswe kwi-SIU

kwiNkundla yamaTyala eKhethekileyo.

Urwaphilizo lulwaphulo-mthetho oluntsonkothileyo ekufune ka lutshutshiswe. Abenzi bobubi benza imigudu emangalisyoyokugquma imikhondo yabo. Baseka iinkampani ezipemthethweni nezingasebenziyo ukufihla iintengiselwano ezingalu-

nganga, bethubelezisa iimali ngokukhawuleza phakathi kwee-akhawunti ezininzi, ezibonakalisa ingeniso ngendlela engeyiyo kumagunya erhafu, kwaye, kwimeko yabasebenzi bakarhulumente, basebenzisa izihlobo nezalamane ukufaka izicelo zeethenda ukufihla ukubandakanyeka kwabo.

Oku kuthetha ukuba impendulo yabasemagunyen kufuneka ibe nobugocigoci.

Ngowama-2020, siseke iziko i-Fusion Centre eline-zinto ezininzi enjengezikolo kusebenzela ukulungisa ulwaphulo-mthetho oluphambili kwezemali, kuquka urhwaphilizo. Eli ziko lidibanisa ndawonye amandla ophando othintelo lolwaphulo-mthetho kanye namaqumrhu okhuseleko karhulumente kanye nalawo eZiko lezobuNtlola bezeziMali, eliphuhlisa ubuntlol ukuze ii-arthente zogcino-mthetho zibusebenzise kuphando lwazo.

Iminyaka emibini ukususela ekusekweni kwe-Fusion Centre, indlela yalo ebandakanya abantu abavela kwiintloba ezahlukencyo zomsebenzi 'yokulandela imali' iye yavelisa iziphumo ezipahilekileyo.

Kulo nyaka-mali uphelileyo, umsebenzi we-Fusion Centre uxhase uphando lobuqhophololo norhwaphilizo olungama-276.

Malunga nezigidi zeerandi ezingama-659 zabuyiselwa kuRhulumente ngendlela yokulondoloza kanye nokubuyiswa kwengeniso yowlaphulo-mthetho. Malunga nezigidi zeerandi ezingama-613 eziyingenisoyolwaphulo-mthetho

olurhanelwayo ziye zathintelwa ekusetyenzisweni.

I-Fusion Centre ekuqaleni yamiselwa ukuphanda urhwaphilizo olumalunga nenkqubo yokufumana abaniki-zinkonzo enxulumente ne-COVID-19. Umyalelo wayo ngoku uyandiswa ukuze uquke ukuthutyleziswa kwemali, ubuqhophololo, ulawulo olugwenxa, inkxasmali yabanqolobi kanye nolunye ulwaphulo-mthetho lwezemali olunobuzaza.

OoKhetshe kutsha nje bachaze enye yenqubelaphambili eseple yenzive liQela lokuLwa uRhwaphilizo, aphi i-Fusion Centre iba yinxalenyeyalo. Phakathi konyakamali wama-2019 kanye nowama-2022, abarhanewa abangama-554 babanjelwa urhwaphilizo, aphi abali-142 kubo baye bagwetywa.

Esinye isixhobo esibalulekileyo sobuntlolakwezemali luphicotho-zincwadi lwendlela yokuphila olungama-25 oluxabisa ngaphezulu kwezigidi zeerandi ezingama-450 ukusumbulula ukungangqinelani phakathi kwengeniso echaziwego kanye nendlela yokuphila yomntu.

Kucacile ukuba amanyathelo esiwathathileyo njengolu lawulo lokubuyisela amandla okwenza, ubuchule kanye nokuthembe ka kwamaziko abandakanyekayo kumlo wokulwa norhwaphilizo

zinempembelelo ebona-kalayo.

Umsebenzi olungelelanisiweyo wazo zonke ii-arthente zokunyanzeliswa komthetho ubetha abaphuli-mthetho aphi kubuhlungu kakhlulu khona: kwiipokotho zabo. Iimali zoluntu ebezityhuthuliwe zaza zajikiselwa kwelinye icala ziyabuyiswa kwaye abo banoxanduva lwezi zenzo bayatshutshiswaziinkundla zethu zamatyala.

Ukomeleza nangakumbi iinzame zethu zokuphelisa urhwaphilizo, ndibhengeza ngokuqeshwa kwiBhungaleSizwe leeNgcebizo zoKulwa uRhwaphilizo.

IBhunga liza kuhlanganisa abachaphazelekayo kuluntu ngokubanzi ukuze bajonge ukuphunyezwa kwesticwangciso-qhinga sikarhulumente sokulwa urhwaphilizo. Eli qumru litsha liza kucebisa urhulumente ngamanyathelo abalulekileyo othintelo, ubuchule beziko kanye nezixhobo ezifunekayo zokuthintela ukuphinda kubanjwe umbuso ngobhongwane kanye nokususa neengambu ubuqhophololo kanye norhwaphilizo eMzantsi Afrika.

Eyona njongo yethu iphambili kukwakha amaziko awomeleleyo nakwaziyo ukumelana neemeko ezinzima anokuphelisa urhwaphilizo kwaye amelane nayo nayiphi na imizamo yexesha elizayo yokubamba umbuso ngobhongwane.

Njengoko siqhubeka nokwakhela phezu kwezi mpumelelo, siqinisekile ukuba nokuba kuthatha ixesha, abo bableyo baza batyhuthula ubutyebi obenzelwe abantu baza kujongana neziphumo zezenzo zabo. ①

Jonga iimpawu zokuqala zomhlaza wasebuntwaneni

More Matshediso

Ukunqongophala kolwazi ngomhlaza wasebuntwaneni

kunye neempawu zawo kuthetha ukuba abantwana abaninzi baseMzantsi Afrika baxilongwa xa isifo sikwi-nqanaba eliphezelu.

Umhlaza osaqalayo uyaxi-longwa kwaye unyangwe, liphezulu ithuba lokuchacha ngokupheleleyo.

UMququzeleli woNxi-belelwano lwe-*Childhood Cancer Foundation South Africa* (i-CHOC) u-Taryn Seegers uthi ngokwazi iimpawu ezixhaphakileyo zomhlaza kulutsha, kunga-nceda ukusindisa ubomi.

"Iimpawu kunye nemiqondiso kunokuba nzima ukuzibona phakathi kwa-maqhuma aqhelekileyo, imigruzuko, ukukhula ngokukhawuleza kunye

nokuguquguquka kwesimo sengqondo. Nangona kunjalo, ukufunyaniswa kwangethuba kubalulekile," utshilo.

Ngokwengxelo ye-Cancer Association of South Africa (i-CANSA), baphakathi kwama-800 ukuya kwi-1 000 abantwana base-Mzantsi Afrika abaxilo-ngebla umhlaza kunyaka ngamnye.

Nangona kunjalo, lo mbutho uqikelela ukuba isiqingatha sabantwana abanomhlaza eMzantsi Afrika abazange baxilongwa.

Ukunceda ukuqinisekisa ukuba umhlaza ubonwe ngokukhawuleza, i-CHOC iqhuba iinkqubo zokwazisa uluntu, ixelela abazali nabantwana ngeempawu ezilumkisa kwangethuba ekufuneka baziqaphele.

Eliziko lixhasa abantwana kunye nolutsha

olunomhlaza okanye olunokuphazamiseka kwegazi okusongela ubomi kunye neentsapho zabo.

"Sijonge ukuphucula ukufunyaniswa kwangethuba kwaye siququzelele unyangololusebenzayo. Nangaliphi na ixesha, i-CHOC inokuba nabantwana abangaphezulu kwe-1 500 kunye nolutsha kukhathalelo lwayo, ngelixa inika inkxaso ngokwasengqondweni nangokwasentlalweni kwiintsapho ezingaphezulu kwe-1 500," utshilo u-Seegers.

Kunyaka-mali ophelileyo, u-Seegers uthi i-CHOC ikwazile ukunceda abantwana abali-1 724, ulutsha olungama-553 kunye nabantu abadala abangama-2 232 ngeenkubo zayo ezingundoqo.

"Inkonzo zethu ziquka

inkxaso yeemvakalelo ngendlela yohambo lwabo lomhlaza, intuthuzelo, ukhathalelo lokuphela kobomi kunye nenkxaso yokuzila," utshilo u-Seegers.

Iimpawu zomhlaza wasebuntwaneni ze-St Siluan

- S – Funa uncedo lwe-zonyango kwangethuba ngeempawu eziqhube-kayo.

- I - Ibala elimhlophe elisweni, ukufithikisa, ukungaboni ngequbuliso, ikhozo lweliso elithe phuhlu.

- L – Iqhuma esiswini, kumarhorho, entloko, ezingalweni, emilenzeni, emasendeni okanye emadlaleni.

- U – Umkhuhlane ongachazwanga okhoyo ngaphezulu kweeveki ezimbini, ukwehla

kobunzima bomzimba, ukudinwa, inkange-leko embatshileyo, ukugruza lula kunye nokopha.

- A – Ukuqaqamba kwa-mathambo, amalungu omzimba, umqolo kunye nokwaphuka lula.

- N - Iimpawu zemithambo-luwo, zenguuko ekuhambeni, zokuthantamisa okanye ezokuthetha, intloko ebuhlungu eqhubekayeo ehambiselana nokugabha okanye ngaphandle kokugabha kunye netloko edumbileyo.

"Ulutsha, oluxakeke yimidlalo kunye nemisetenzana, lusoloko lungaziqapheli iimpawu zokuqala zomhlaza walo," utshilo u-Seegers. □

Ngeenkukacha ezithe vetshe, qhaga-mshelana nomnxeba woncedo we-CHOC ku: **0800 333 555** okanye undwendwele ku: www.choc.org.za

Matlou keeps an eye on her community's vision

Owen Mngadi

After witnessing how being blind affected her grandmother, a young girl vowed that she would one day help people in her community with vision problems.

Manare Matlou made good on her promise and today, at the young age of 23, has an optometry practice, Optic iCare Optometrists, in Giyani, which she opened in February 2022.

The daughter of pastors, Matlou was raised in Ga-Phadi in Limpopo. After matriculating from a local high school, she earned her Bachelor of Optometry degree from the University of Limpopo in 2020, at the age of 21. She then worked for several practices to gain experience and knowledge of running a practice.

Matlou says many people



■ Manare Matlou treats a patient in Giyani.

in her rural village live with vision problems and blindness because they cannot afford eye surgery. She says the extreme heat in the area contributes to people getting cataracts and light sensitivity eye diseases.

Because of the need for better eye care in the

community, she chose to open her practice in Giyani. "You need to have business knowledge to start a private practice and you must learn from colleagues in the industry."

Matlou says opening an optometry practice is expensive, because of the cost of the equipment and

spectacle frames needed. She also had to hire two assistants. As soon as her business is better established, she wants to open more practices and offer pensioner discounts.

Look after your eyes

Eye Care Awareness Month, which runs from September 21 to October 18, aims to educate people on the importance of eye health and regular screenings to avoid future complications. The Department of Health recommends that you have your eyes tested every one to two years. If you have risk factors such as high blood pressure and

diabetes, it is best to do it every year.

Matlou adds that a well-balanced diet, including nutrients like omega-3 fatty acids, lutein, zinc, and vitamins C and E, helps combat age-related vision problems. She also recommends people wear sunglasses to protect their eyes from the sun's ultraviolet rays.

She also said that Optometrists offer primary eye care. They are trained to detect vision problems, eye diseases and other abnormalities. If needed, they supply glasses. If specialist care is needed, optometrists refer their patients to the right specialist. □

People wanting to study for an optometry degree at university level need to have done English, mathematics, physical sciences and life sciences at grade 12. It takes a minimum of four years to complete, and a one-year internship is compulsory.